**Eye Nkanga 2016**

Zihlobo Zokuthandaza,

Indumiso 100 ifundeka ngoluhlobo:

*"Indumiso Yombulelo"* Dumani kuYehova, nonke hlabathi,! Mkhonzeni uYehova nivuya, Yizani phambi kwakhe nimemelela! Yizani phambi kwakhe nimemelela! Yazini ukuba uYehova nguThixo yena! Wasenza yena, asisithi: Singabantu bakhe nezimvu ezaluswa nguye. Ngenani emasangweni akhe nibulela, Ezintendelezweni zakhe nidumisa! Bulelani kuye, bongani igama lakhe! Ngokuba uYehova ulungile, inceba yakhe ingunaphakade, ukunyaniseka kwakhe kukwizizukulwana ngezizukulwana"

Kule nyanga sithabatha ithuba lokubulela sidumisa konke uThixo asenzele kona nakwenze empilweni zabafaziihlabathi jikelele nakwisizukulu sonke. Kuluvuyo ukubayinxalenye yale nkonzo yokuthandaza kwaye masinike uThixo uzuko ngako konke asenzele kona ngayo lee minyaka yiy 19 siqhuba u Project Hannah.

Namhlanje, dibana omnye nomnye niphakamise ngazwinye iindumiso kuThixo. Mkhonzeni uThixo namhlanje ngentliziyo enemigcobo, ngenani emasangweni akhe nimemelela. Uthando lwakhe kuni lumi ngonaphakade. Amandla akhe kuni makhulu ngaphezulu kwamandla asezweni, kwaye nenyaniso yakhe ihleli ngonaphakade.

UYesu weza kulo mhlaba ukuza kuhlala intlalo evelisa uthando lukaThixo ngathi. UYesu wasifela ukuze sifumane ubomi obungunaphakade noThixo. Singacula namhlanje! Singanikela umnikelo wombonge namhlanje! Singanethemba namhlanje!

Ndinombulelo kakhulu ngamntu ngamnye nenjenjalo ukuzixakekisa mihl lee kule nyanga nidumisa uThixo ninombulelo. Nibalulekile kobu bulungiseleli,lo nto yenza intliziyo yam icule iculo lovuyo ndisazi ukuba nani niphakamisa awenu amzwi nam nidumisa nibulela ngabafazi abakwihlabathi lonke.

"Yizani simemelele kuYehova, Sidumise kwiliwa lokusindiswa kwethu. Masize phambi kobuso bakhe sinombulelo, masidume kuye ngeengoma. Ngokuba uThixo omkhulu nguYehova, nguKumkani omkhulu ngaphezu koothixo bonke. Uzisesandleni sakhe iingotsingontsi zehlabathi, Neencopho zeentaba zezakhe. Ulolwakhe ulwandle, nguyena walwenzayo; Nomhlaba owomileyo zawubumba izandla zakhe. Yizani, masiqubude, siguqe, sithobe phambi koYehova umenzi wethu." (Indumiso 95:1–6).

Kuye intliziyo zethu mazigcobe,
Peggy Banks
Global Ministry Director
Project Hannah

**Dumisani kuThixo ngakwenzayo ngaphakathi nangabo bathandazi bathembekileyo bethandaza neqela lika Project Hannah hlabathi jikelele!**

**E Vietnam:**

"Asivanga nto ngeenkqubo zika TWR zisasazwa ngqo konomathotholo; kunjalo, sifumene inkqubo zosasazo ngo *Women of Hope* nee Alimanaki zoMthandazo ezibhaliweyo rhoqo yonke le minyaka mithathu idlulileyo. Oodade apha bayithanda nyhani le nkqubo, kwaye sonke siyayithandazela intlangano yenkqubo i *Women of Hope* ngalo lonke ixesha sihlangana. Sibonile ukuba abaninzi bethu apha baguqukile nasesinxibeni, nasekuthetheni, nokunakekela amazinyo abo, nabantwana babo. Eyona nto iyeyona kukuba wonke ubani ume ndawo nye kulo umanyano ukwabelana ngeenzima esidlula kuzo, njengokunceda abagulayo. Siyayiyeka nemikhuba emibi nezithethe ebesizenza ngaphambili, njengokuqhumisa iziqhumiso phambi kweziguqo zezinyanya xa ubani athe wafa, ukwenza amadini, ukunqula abafayo, nezinye izithethe ezinencitho mali. Oodade apha abayekanga nje ukunxila butywala kodwa bakhuthaze nabayeni babo ukuba bayeke nabo ukusela nokudlala unjiqa. Abantwana babo bayaphucuka ngokuziphatha, amaqela laa ayimbumba."

"Imilenze efakelweyo yam yenziwe, ndiyavuya kakhulu. Enkosi kakhulu ngoncedo lwakho. Inkosikazi yam ilivolontiya umlandeleli nommeli wababafazi kwiphondo lwethu sisonke no 'Mrs. T,' omnye ummeli wababafazi kwelinye iphondo. Rhoqo bafumana imithandazo nge Alimanaki eziswa kubo. Nyanga zonke umfazi wam usizisela I 20 yezi Alimanaki uxa u Mrs. T asizisela i 50 kubafazi bephondo ukuba bathandaze. Siyabulela uThixo."

**E Myanmar:**

"Elethu iqela u Project Hannah linethuba lokuthabatha inxaxheba bekhuphisana ngokwazi iZwi ngokwevesi. Ngaphandle kokuthandaza nganye nganye iizicelo zemithandazo ezibalulweyo imihla zonke sinethuba lokuhlangana sizibeke kuThixo ngemihla yecawa emabandleni emva kokunkqula."

"UThixo anisikelele nonke! Ndiyayibulela iTWR eMyanmar S'gaw Karen Project Hannah endizisela le Alimanaki rhoqo ngexesha elililo. Mihla le ndithandazela izicelo zemithandazo. Nditsho ndakhula emthandazweni, ndakwazi ukuthandaza. Ndithandazela nokuba abantu bangenelele ngobuninzi ku Project Hannah benze amaqela apho bakhona."

"Imithandazo yethu kula maqela ka Project Hannah basoloko bebanxusela abafazi namantombazana ehlabathini lonke abo beva ubunzima, iintlungu, nendlala. Ndiyabavela torho aba bafazi nala mantombazana xa ndisiva ngabo. Ngaphandle kokubathandazela akhonto ndingabenzela yona. Esithandazo nabo baqinisekile ekuthandazeni. Ngenxa yecebo lika Thixo, i TWRMyanmar Project Hannah isikhuthaze ukuba sihlangane sithandaze kunye njengeqela. Ngako oku sidumisa uThixo, sidumisa uThixo sinendumiso kuThixo ingakumbi nge TWRMyanmar Project Hannah. Elethu iqela lika Project Hannah liqhuba ukhuphiswano lweevesi zeBhayibhile kanye ngenyanga."